**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lokuqala)**

**OCTOBER / NOVEMBER 2005**
**OKTOBER / NOVEMBER 2005**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B, C.
- Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
- Bhala ngokwemiyalelo oyinikiweyo kwicandelo ngalinye.
- Nombola kakuhle imibuzo yakho.

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

Funda esi sicatshulwa singezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Wayengumzali enamaphupha njengamzali wonke ngabantwana bakhe. Wayethanda ukuba bondliwe bondleke, bafunde de bayityekeze kungakhathaliseki nokuba yena eyakhe impilo yayihlelelekile idlakazekile idlakazwa ngoyena mntu okwakufanele amkhusele njengoko yena wayengasebenzi. Mnye umntu awayenokumnceda aphumelelise le minqweno kuba ililungelo lakhe ukwenza oko, uyise wabantwana bakhe, indoda awayeyikhethengokuyithemba nokuyithanda, indoda awayezimisele ukwahlulwa kukufa nayo. Ngelishwa ke ngamanye amaxesha izinto aziye zihambe ngokwezicwangciso zethu.

Yamphatha ngolunya indoda yakhe yamlimaza ngokwasengqondweni akakwazi ukuthabatha izigqibo ngobomi bakhe, wacinga yangabikho ingqiqo kwakwenzayo kuba ibambo lamabambo akhe limtshutshisa lingadeli, yamlimaza ngokomzimba wanemibhalo yemivimbo iziva zemela nokutshiswa ngesigarethe de walimala nangokwemvakalelo waba liphakuphaku esothuswa nasisithunzi sakhe, woyika ukuhamba nokuhlala yedwa. Zonke ezi ziganeko zokuphathwa gadalala nguThanduxolo wayesoloko ezibika kwabasemagunyeni .Wayaye avalelwe axolise athembise ukuziyeka iindlela zokungalungi axolelwe. Umnqa kuyo yonke le nto yayisoloko ingumfazi obekwa ityala lokuyiqhwaya indoda.

Zaya ngokuba mandundu izinto wazibona engeyonto eluntwini, amehlo akhe acwenga iinyembezi waphelelwa lithemba watyhafa wanga ufelwe sisazela. Bubemuncu nangakumbi ngoku ubudlelwane phakathi kwesi sibini, amalungelo omfazi ajongelwa phantsi yaba sisigculelo yaphehluzeliswa yanga sisicaka.

Yaqhawul' intomb' enkulu yabuyela kunina noyise kuba kakade yayingaphulanga zikomityi mhla iya ekwendeni. Njengoko umthetho wawumgwebile ungazange umkhusele ,unina noyise yayisele ilithemba lakhe lokugqibela.

Akubanga ntsuku zatywala ekokwabo sangena esi sixhiliphothi singenalusini singabakhathalelanga nabazali bakhe safunza kuye esiqwini. Enziwa amatile-tile ngunozala emcelela inceba umntwana wakhe kodwa loo mazwi akhe ayenkenteza kwindlebe zesithulu. Uzamile ukubaleka eyokuzifihla egumbini lakhe lokulala kodwa akwanceda nto. Kuvakele ukuqhuma kompu lavakala nelizwana licel' uxolo. Emva koko kubekho inzolo. Waphuma enyalasa umbulali ebhonte-bhonte ligazi. Waphangalala uNomhle wabashiya abazali nabantwana bakhe engavaleliselanga.

1.1 Yintoni eyayinqwenelwa nguNomhle ngabantwana bakhe? (1)

1.2 Zikho izinto ezazingumqobo endleleni yakhe ezaziza kwenza amaphupha akhe angafezekiswa. Yitsho ezi zinto ezazixabe endleleni yakhe yempumelelo. (2)

1.3 Impatho-mbi evela kuyise wabantwana bakhe yamlimaza. Chaza indlela alimala ngayo. Yitsho iindlela ezimbini. (2)

1.4 Umthetho awukwazanga ukumkhusela kunoko wamlahlela izandla . Xhasa olu luvo. (2)

1.5 Xa umthetho wawoyisakele ukukhusela ilungelo lakhe lokuphila, ngubani owayenokumnceda amkhuphe kule ngxaki? (1)

1.6 Mizamo mini eyenziwa ngunozala ukukhusela usana lwakhe? (1)

1.7 Ingaba lo mntu okanye aba abantu bakwazi ukumkhusela? (1)

1.8 Nanjengomntu onenyama negazi ingaba uziva njani ngokufa kukaNomhle? (2)

1.9 Ukuba ubungumtshutshisi khawuchaze indlela ubunokugweba ngayo. (2)

1.10 Ngaba eli gama Thanduxolo liyangqinelana nomninilo ? Xhasa. (2)

1.11 Khetha impendulo yala mabinza aku-A ku-B .Bhala isimboli kuphela .

| A | B |
|---|---|
| 1.11.1 Ukuphatha ngolunya. | A. Ukugcwala kwegazi empahleni nasemzimbeni. |
| 1.11.2 Ukulimala ngokomzimba. | B. Kukumkhohlakalela omnye umntu ungabi navelwano. |
| 1.11.3 Umthetho wawumgwebile. | C. Abasemagunyeni bambona enetyala. |
| 1.11.4 Ebhonte-bhonte. | D. Wasweleka/wafa/wabhubha. |
| 1.11.5 Waphangalala. | E. Iziva ezibonakala emzimbeni xa ubethiwe okanye uhlatyiwe. |

1 x 5 = **(5)**

**[21]**

Funda esi sicatshulwa singezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UNobubele wakhula njengamntwana wonke enamaphupha neminqweno yempumelelo ebomini bakhe. Wayezimisele ukufunda naphantsi kwayiphi na imeko de ayiphumelelise iminqweno yakhe. Wayezibona ephila kamnandi nosapho lwakhe ehleli ngolonwabo kwipomakazi lomzi wasesilungwini esitya amaqhosha ebhatyi yakhe. Walisebenzisa ilungelo lokufunda wankqenkqeza phambili ezifundweni zakhe ejonge empumelelweni kungakhathaliseki nokuba yayimbi kangakanani imeko akhulela phantsi kwayo . Yayingeyompumelelo ecalanye, wayezibona ephumelele ngokwasemphefumlweni, eseluxolweni nendalo nayo yonke into emngqongileyo. Wayezibona ephumelele ekuhlaleni etyala kwakhona imbewu yempumelelo kwisizwe esimnyama esasiwa sivuka naye kumahlandenyuka engxondorha nemiwewe yeli lizwe.

Yayingumnqweno wakhe ukusisebenzela isizwe sakokwabo engajonganga nzuzo. Wayeyivile intlungu yokufunda ngamabonandenzile. Wayekhe akhumbule iimini ezilusizi. Wayethi akuba kule meko, ziphokoke zishushu iinyembezi zigobhoze okomlambo zinqumla umbombo. Ngeli xesha nantso intombi yakwaMthimkhulu iqukeza ilungiselela ukuze ikwazi ukondla usapho lwayo ingento yanto ingenanto. Yayikhe iqondele phantsi inge iyacinga,kubebezele imilebe ithethe yodwa uyibone izibamba emehlweni ngelo jelemane yayilinxibile livithike de lavuthuluka njengoko yayityabeka ngalo ezo zindlu zalo lali ukuze balale betyile abantwana bayo. Alikho iyeza eliphilisa njengethemba, asikho isipho esinje ngethemba kungekho mxube ugqitha lona. Kwakunjalo kwintombi nonina babeba seluxolweni ngenxa yethemba ababenalo, iintlupheko namaxhala ephelile.

Ndimbonile unozala ndiyamazi andivanga besithi ngaye, wamtatamisa wamqeqesha umntwana wakhe ,wamphakamisa wambeka endaweni entle, wamhambisa ezindleleni zokulunga, wamonga akugula wamvuselela akudangala. Wabuva ubushushu bothando lomzali, wayiva incindi yothando, iintswelo kwezibambekayo azibanga nafuthe. Xa unothando nethemba unakho konke kuba ezi zinto ziyaphilisa. Intombi nonina babetyebile kwezi ziphiwo.

Kukolu thando apho athe wakhula phantsi kwalo uNobubele. Ukuba ke ngoko kukho imiwonyo yeenyembezi ngokuqinisekileyo zikho iintaba neenduli ezintle neentili zolonwabo apho ilanga likhanya lingacimi, singabantu asinakukhonxwa unaphakade. Yile ntlantsi yethemba eyayiveza ukukhanya kulo ntsunguzi yobumnyama.

Yile mpatho eyenze aphile ngokwasemphemfulweni alibone liqaqambile ikamva lakhe. Asingeyigqibi ingcombolo yolu sapho kodwa sizakugqagqanisa sibethe komofu ngotata weli khaya. UBhele wayeyithanda intsapho yakhe nangona iimeko zasekuphileni zamehlisa zimonyusa impilo inkenenkene. Uthe ephesheya kweNciba wabe eponoshono nayo. Wathi eseBhayi alambathwa lambathwa ngabalaziyo esiya kufunela intsapho yakhe into esiwa phantsi kwempumlo yanga libulawo, zemk’iingqondo wagulela ibhokisi. Kwayiwa koosiyazi bawukhomb’umhlola, bamazi umbulali de bazi nonobangela.

Enziwa amatile-tile kwanga izinja ziwuphambil’umhlola zawuphamba nomkhondo kuba ngoku ukufa kwangxamisa kwakhawulezisa. Zabetha-bethana izimvo abanye belilisela ngabencwadi ukuze sifunde. Bezile nabo nobabo ubuchule basesikolwenii bawasebenzisa amakhatha-khatha abo wakho umahluko. Nangona kwaba nesiqabu wayengakulungelanga ukusebenza kwanyanzeleka ukuba alishiye iBhayi nento zalo awajongise kwelokuzalwa amabombo. Yaxheleka indoda emphefumlweni, yanesingqala izibona yohlulekile ukuzalisekisa iimfanelo neemfuno zayo kusapho lwayo.

1.12 Yitsho imeko akhulela phantsi kwayo uNobubele. Cacisa. (2)

1.13 Yayintoni umnqweno wakhe uNobubele? (2)

1.14 Yayintoni eyayinokwenza angaphumeleli la maphupha neminqweno awayenayo? (2)

1.15 Ingaba wayenalo ithemba lokuba ngenye imini wayengaba ngophumeleleyo ngokweminqweno yakhe? Xhasa. (2)

1.16 Ingaba eyakho iminqweno iyintoni ngobomi bakho? (2)

1.17 Khetha impendulo efanelekileyo.Bhala isimboli kuphela.

1.17.1 Impilo enkenenkene:

A Ukusoloko uhlutshwa zizigulo.
B Umntu osoloko ekhala.
C Ukuphila kamnandi. (1)

1.17.2 Into esiwa phantsi kwempumlo.

A Ukunukisa into.
B Ukutya/ukudla.
C Ilaphu lokusula impumlo. (1)

1.18 Yitsho ukuba yinyaniso okanye bubuxoki. Bhala kuphela impendulo.

1.18.1 UNobubele wayengenandaba nemfundo into awayeyifuna kuphela kukuphila kamnandi.

1.18.2 Into eyayenza ubomi bolu sapho buqhubeke ngokuqhelekileyo yayilithemba ababenalo. 1 x 2 = (2)

**[14]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [35]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

**USHWANKATHELO**

- Shwankathela ngamagama angama-70 isiqendu esilandelayo.
- Bhala ngezivakalisi ezi-5 iingongoma ezingundoqo .
- Sebenzisa amagama angawakho.
- Bhala kwizibiyeli ( ) amagama owasebenzisileyo.
- Izivakalisi zinamanqaku ama-5 ,inani linamanqaku ama-2 ,ukusetyenziswa kolwimi amanqaku ma- 3.

Ityala likaZoleka lavavanywa iintsuku ezine, lathabatha iiveki zane liqulunqwa yimantyi yaseQonce,laza ke lamiswa .Kwacaca ukuba alibalingananga oomantyi lamiselwa ijaji. Ezo ntsuku zone yayizala iphuphume inkundla ,kugilwana ngezifuba ngababukeli. Asizi kubalisa nto ingako ngezi ntsuku kuba owona mhla sifunzele kuwo ngulowo mhla mkhulu, mini eli tyala lachotshelwa yijaji .

Ubuye wavalelwa kwakhona uZoleka, ibala lakhe elihle lajika laba mpatshampatsha, wabuntshatharha. Amehlo ayenezangqa. Wabhitya wahebhuka kwanga kudala elapho entolongweni. Ukutya kwakungangeni, loo papa imtyuba ingenaswekile ncam ,yayisuka isitshukulise isisu, ezo nkobe zithe pecu ukuvuthwa zazisitsho isisu sakhe sithi nyaka. Into eyayimhlupha yintlalo le yalapho,kuba waqonda okokuba ikukufa kufunjiwe. Loo nto ke yabangela ukuba imini le yokuthethwa kwetyala yanga kukuza kukaNxele. Imizuzu yanga ziintsuku, iintsuku zanga ziiveki, iiveki zanga ziinyanga, neenyanga zanga, yiminyaka

Zaqengqeleka iintsuku, ahamba amaxesha, yada yafika imini kade ixelwa, umhla we-18 kuMatshi. Ululiwe ovela eBhayi wayezele emi ngeembambo, kungekho nendawo le yokuma. Ingxolo eyayilapho yayingaphezulu nekweyamantshiyane.Le mpi izalise lo loliwe ngele kwabo bavela koomaBhayi,yimpi eze ematyaleni ivela kwezo zithili neziphaluka zaseXesi. Yathi ukuhla kwayo apho eQonce yanga ngumkhosi mhla ngohlaselo . Yaba ngumbono ukunyuka kwayo isitalato isinga phezulu kwinkundla yamatyala. Abafazi babephethe oofephiwe bezele kukutya kweentsana ,bambi bethwele iityali zabo bekho naba babebhinqe iilema ezinqeni. Amadoda wona ayexhabashe ootshotsh'ufe beedyasi, esimelela ngemikrolo yawo . Zenjenjeya izintw'ezinkulu, zafika zee gwaqa neemazi zazo phambi kwenkundla, ziphumle phantsi kwemithi.

*Ukuqhawuka kwembeleko,ngu- D.M. Jongilanga*

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

ICANDELO C

**UMBUZO 3**

3.1 Funda esi siqendu wandule uphendule imibuzo.

> UNomhle wayemhle njengomtshakazi ngemini yomtshato. Yena noSipho babengumtya nethunga, xa ubona uNomhle uSipho wayengekho kude. Yayingumbono omhle ukubona lo mlonyana uquthwa xa athethayo kuvakala kamnandi izwana elithi ndiphula-phule ungayeki. Wonke umntu wayemthanda.

3.1.1 Khetha amagama akwimo yokunciphisa. (2)

3.1.2 Sebenzisa esi sibizo umntu kwisivakalisi sakho. (1)

3.1.3 Bhala isimboli kuphela.Yitsho okuthethwa leli binzana . Babengutya nethunga kuthetha:

A Abantu abavanayo.
B Abantu abazondanayo. (1)

3.2 Gcwalisa izikhewu ngamagama afanelekileyo ukhethe kulawo uwanikiweyo. Bhala iimpendulo kuphela.

> Chiphi-chiphi, gqi, gca, lenye, ngqi.

Kwakucace 3.2.1 ______ ukuba amakhwenkwe ayeza kubethwa. Aqala 3.2.2 ______ iinyembezi. Kulo mnyama kwathi 3.2.3 ______ uSipho wabasindisa. 1x3=(3)

3.3 Sebenzisa amagama owanikiweyo ubhala isivakalisi .

> kwabo, yaba, Zathi, iindaba, zokuphumelela, zafika, luvuyo, nolonwabo. (2)

3.4 Hlanganisa ezi zivakalisi:

> Beva ubuhlungu ngokusweleka kukaThabo engagulanga.
> Bazamkela ezo ndaba bexheleke emphefumlweni. (nangona ) (2)

3.5 Funda le ntetho ze ubhale uqale ngala magama:

3.5.1 UNomhle uthi (3)

> Urhulumente kaMbeki uzimisele ukuphucula iinkonzo zoluntu nempilo engcono yabahlali boMzantsi Afrika.Utshilo uNomhle.

3.6 Gqibezela

3.6.1 ______ (funda) babonwe ngentseni ukuba 3.6.2 ______ (lala) emagumbini abo. Balandwe ngamapolisa 3.6.3 ______ (idolophu). Bekunetheko 3.6.4 ______(khulu) kusithiwa 3.6.5 ______ (indlela entle) kubafundi bebanga 3.6.6 ______ (ishumi). 1x6=(6)

3.7 Guqula ezi zivakalisi zibe yimibuzo.

3.7.1 UNomsa utya inyama. (1)
3.7.2 Bafike xa kumpondozankomo. (1)

**UMBUZO 4**

4.1 Khetha iintsingiselo zika-A ku-B ubhale isimboli kuphela.

*Kwakuxhele'eXhukwana* kwaDlamini kuba kaloku intombi yakhe yayiphumelele emagqabini kwizifundo zayo ze B.A. Izibiliboco *zazidlala abantwana* njengoko amalungiselelo ayenziwe ngokwaneleyo. UTokwe, uyise akazibonanga izinto ezintle kuba waba kwingozi yemoto ngalo njikalanga ebuya emsebenzini. Ngelishwa *itshoba lalala umbethe* kulo ndawo yengozi. Yaba zizijwili zodwa latshona elalomini nezalo kuba kaloku *alitshoni lingenandaba.*

| A | B |
|---|---|
| 4.1.1 Ukuxhel'eXhukwana | A. Ukufa. |
| 4.1.2 Ukudlala abantwana | B. Imini nganye inento zayo. |
| 4.1.3 Itshoba lalala umbethe | C. Into xa ininzi kungabonwa ncitho ngendlela esetyenziswa ngayo. |
| 4.1.4 Alitshoni lingenandaba | D. Ukonwaba. |

1 x 4 = (4)

4.2 Nika igama elinye kulawo anomgca ngaphantsi.

4.2.1 <u>Abantu abafundisa abantwana esikolweni</u> bakhuthaza abafundi ukuba basebenzise 4.2.2 <u>igumbi eligcina iincwadi</u> ukuze babenolwazi oluphangaleleyo.

1 x 2 = (2)

4.3 Sebenzisa u-rhola kwizivakalisi zakho aveze ezi ntsingiselo 2 x 2 = (4)

Rhola angathetha oku:
ukukhupha into kwenye
ukufumana umvuzo xa usebenzile

4.4 Khetha kumagama owanikiweyo ubhale izithethantonye zamagama anomgca.

Inyama, amahashi, ibranti

Babeqabele 4.4.1 <u>amaqegu</u> abo ukuya kuzingela ezintabeni. Babemana ukususa unxano ngokuthi qhabu 4.4.2 <u>kwinyembezi zikaVitoliya</u>. Lithe xa liya kunina babasa umlidlwana ukuze bose 4.4.3 <u>imheya</u> yezilwanyana zasendle.

1 x 3 = (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: [35]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHELO**